URhulumente
weNtshona Koloni
NGO**WAKHO**

# ISAZISO ESIBALULEKILEYO

## INKUNDLA YENTSHONA KOLONI YEZINDLU EZIRENTWAYO– ISIMEMO SOKONYULWA KOSIHLALO, AMALUNGU AMANE (4) AQHELEKILEYO NAMALUNGU AMABINI (2) ATSHINTSHANAYO NGEXESHA ELISUKELA NGOMHLA WOKU1 KWEYEKHALA KA2026 UKUYA KOWAMA30 KWEYESILIMELA KA2029

Imisebenzi yeNkundla yeZindlu eziRentwayo eNtshona Koloni:
Olona xanduva lungundoqo lweSigqeba seZindlu eziRentwayo eNtshona Koloni kukuzalisekisa imisebenzi ebekwe kuso njengoko kuqulathwe kwiSahluko sesi4 soMthetho weZindlu eziRentwayo, ka1999, oko kukuthi, ukwamkela, ukuphanda, ukuqwalasela, nokwenza izigwebo kwizikhalazo ezimalunga nezenzo zezindlu zokurenta ezingenabulungisa ezinokuphazamisana namalungelo alo naliphi na iqela ngokungekho ngqiqweni.

Izikhundla ezikhoyo:
Abanyulwa bayamenywa kwezi zikhundla zilandelayo:
1. USihlalo.
2. Amalungu aqhelekileyo (x 4).
3. Amalungu atshintshanayo (x 2).

IiMfuneko: Abatyunjwa bafanele ukuba baqeqeshwe ngokufanelekileyo ngobungcaphephe kwelinye okanye ngaphezulu kwezi ndidi zilandelayo:
- Ulawulo lwezindlu ezirentwayo okanye imiba yophuhliso lwezindlu; kunye/okanye
- Imiba yabathengi bezindlu ezirentwayo; kunye/okanye
- Ubungcali obufanelekileyo bezomthetho kunye nesidanga somthetho.

Owona msebenzi uphambili weNkundla yamaTyala kukuqhuba udliwanondlebe kunye nokwenza izigwebo ezinobulungisa nezifanelekileyo njengoko kuchaziwe kwiCandelo le13(2)(d) loMthetho wokuRentwa kweZindlu, ka1999.

Isakhono sokucinga esiqinisekisiweyo kunye nobuchule ekuqulunqeni izigwebo kuya kuba yinzuzo.

Nceda uqaphele: Abatyunjwa abakuluhlu lodlilwanondlebe kufuneka bangene kwinkqubo yodliwanondlebe engqongqo. Bonke abatyunjwa kufuneka babe nezakhono ezaneleyo nezingqiniweyo zolwazi lokufunda ngekhompyutha kwaye bakwazi ukusebenzisa itekhnoloji enxulumene noko. Bonke abatyunjwa baya kufakwa kwinkqubo yovavanyo. Akukho batyunjwa ababesakuba ngamalungu eWCRHT abasebenze izithuba ezibini nangaphezulu baya kuqwalaselwa. ISebe leZiseko zoPhuhliso linelungelo lokungaqeshi kwiNkundla yamaTyala. Ukuba awufumananga ngxelo kwisithuba seenyanga ezintathu zomhla wokuvalwa kwezicelo zolonyulo, lonto ithetha ukuba isicelo sakho asiphumelelanga.

Imiyalelo:
Abantu abanomdla wokuzifumanela ezi zikhundla zikhankanywe apha ngasentla mabafumane ipasile yemiyalelo eneenombolo kwiGosa elineenkcukacha zalo zichazwe apha ngezantsi. Ipakethi yemiyalelo iya kuchaza inkqubo yokutyumba kunye neemfuno zokufaneleka kunye nemilinganiselo yokwenziwa koluhlu olufutshane. Ulonyulo luya kwamkelwa kuphela ukuba luhambelana ngqo nenkqubo emiselweyo neemfuno. Abo baza kutyunjwa bayakhuthazwa ukuba baziqhelanise noMthetho weRental Housing Act 50 ka1999 ukuze baqinisekise ukuba bayahlangabezana nazo zonke iimfuno phambi kokuba bacele ipakethi yemiyalelo. Akukho zicelo zingazaliswanga zonke iinkcukacha okanye ezifike emva kwexesha ziya kuqwalaselwa.

Umhla wokuvala ukutyumba: 16:00 p.m. NgoLwesihlanu, nge28 kweyeNkanga ka2025.
Imibuzo ingabhekiswa kuAnastacia Duminy, umnxeba: 021 483 6495/4148.
I-imeyili: Anastacia.Duminy@westerncape.gov.za